



# Lixesha lokufunda ngokuvakalayo!

# It's time to read aloud!



USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lubhiyozelwa nyaka ngamnye ukuze kukhuthazwe abantwana, abakwishumi elivisayo, nabantu abadala ukuba bazivele indlela anamandla ngayo amagama. Lukwasikhumbuza nokuba sonke sinelungelo lokufunda, ukubhala nokubalisa amabali ethu.


World Read Aloud Day is celebrated each year to encourage children, teenagers, and adults to share the power of words. It also reminds us that we all have the right to read, to write and to share our stories.

## Amacebiso okufunda ngokuvakalayo

1. Ukufunda ngokuvakalayo kusoloko kufuna udlamko! Faka umoya kwilizwi lakho ukuze ibali liphile.
2. Qhelisela ukufunda ibali ngokuvakalayo izihlandlo ezimbalwa ngaphambi kokuba ufundele abantwana bakho.
3. Qala ngokufunda abantwana bakho igama lombhali nomzobi wemizobo ukuze bayiqonde into yokuba iincwadi zibhalwe ngabantu abafana nabo!
4. Lungiselela ixesha lokuba abantwana bakho bajonge baze bancokole ngemifanekiso.
5. Nceda abantwana bakho baphuhlise ubuchule babo bokuqikelela okuza kwenzeka ngokubabuza imibuzo enjengothi, "Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koku?"

## Tips for reading aloud

1. Reading aloud is always a performance! Put lots of expression in your voice to create the mood.
2. Practise reading the story aloud a few times before you read it to your children.
3. Start by reading the name of the author and illustrator so that your children appreciate that books are created by people just like them!
4. Allow time for your children to look at and talk about the pictures.
5. Help develop your children's prediction skills by asking questions like, "What do you think is going to happen next?"



## Amacebiso okubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi

- Abantwana bakho mabenze iibheji zabo zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi (jonga iphepha 16) ngaphambi kowesi-7 kuFebruwari ukuze bazinxibe ngoSuku Lwehlabathi Lokufunda Ngokuvakalayo. (Ungafumana iikopi ezongezelekileyo zeebheji okanye ufumane ezezinye iilwimi kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).)
- Yenza incwadana esikwayo uze uyigcine yebali lethu elikhethekileyo loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi elithi, *Intshontsho lekati elilahlekileyo*, ekwiphepha lesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12.
- Funda incwadi ethi *Intshontsho lekati elilahlekileyo* kubantwana abaninzi kangangoko kunokwenzeka. Yiya kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) uze ubhalise ukuze usixelele ukuba bangaphi abantwana oye wabafundela.
- Khetha ezinye zezinto onokuzenza nabantwana bakho ezicetyiswe kwiphepha elingasemva lencwadana esikwayo uze uyigcine.
- Cela abantwana abadadlana ukuba bafundele abantwana abancinci abasentsatsheni, kwiklabhu yokufunda okanye esikolweni sakho ebudeni boSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

## Ideas to celebrate World Read Aloud Day

- Let your children make their World Read Aloud Day badges (see page 16) before 7 February so that they can wear them on World Read Aloud Day. (You can get extra copies of the badge or find it in other languages at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).)
- Make up the cut-out-and-keep booklet of our special World Read Aloud Day story, *The lost kitten*, on pages 5, 6, 11 and 12.
- Read *The lost kitten* to as many children as you can. Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) and sign up to let us know how many children you read to.
- Choose some of the activities suggested on the back page of the cut-out-and-keep booklet to do with your children.
- Ask older children to read to the younger children in your family, reading club or school sometime during World Read Aloud Day.

## Joyina ubumnandi!

1. Yiya kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ukuze ubhalise intsapho, iiklabhu yokufunda okanye isikolo sakho uze uncedise ekwenzeni esi ibe sesona siganeko sikhulu soSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi eMzantsi Afrika.
2. Ngowesi-7 kuFebruwari 2024, fundela bonke abantwana abasebomini bakho ibali loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi (*Intshontsho lekati elilahlekileyo*).
3. Faka iifoto neevidiyo zeziganeko zakho zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi kwiisayithi zethu zamajelo okuncokola usebenzisa ihashtag ethi **#nalibaliwrad2024**

## Join in the fun!

1. Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to sign up your family, reading club or school and help make this the biggest World Read Aloud Day event in South Africa.
2. On 7 February 2024, read our World Read Aloud Day story (*The lost kitten*) to all the children in your life.
3. Share photos and videos of your WRAD events on our social media sites with the hashtag **#nalibaliwrad2024**

TheNalibaliChannel nalibaliSA @nalibaliSA @nalibalisa @nalibalisa

nalibalisa The Nal'ibali Trust +27 64 801 5496



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.

# Imbewu yokuFunda nokuBhala!

Amacebiso okwabelana ngeencwadi neentsana nabantwana abancinci

## Literacy Seeds!

Tips for sharing books with babies and toddlers

Bazali nani bagcini babantwana ababekekileyo, xa kufikwa ekusebenziseni iincwadi kwiintsana nabantwana abancinci, ayikho indlela echanileyo nengachananga. Undoqo kukuchitha ixesha elimnandi kunye nokubavumela bakukhokele ekukhetheni into enimele niyizame ngokulandelayo. Fundani incwadi kunye ixesha elifutshane okanye elide kangangoko nifuna – akuyomfuneko ukuba niyigqibe loo ncwadi! Ningaphinda nizame ngelinye ixesha, okanye ngenye indlela – okanye nizame incwadi eyahlukileyo.



Dear parents and caregivers of young children, there's no right or wrong way to use books with babies and toddlers. It's more about enjoying the time you spend together and following their lead in deciding what to try next. Share a book together for as short or as long a time as you both want to – you don't have to finish the book! You can try again later, or in another way – or try a different book.

### Ndikhethe eziphi iincwadi?


- 🐾 Khetha iincwadi ezininzi ezahlukeneyo zolwimi lweenkobe lomntwana wakho, naphi na kunokwenzeka.
- 🐾 Khetha amabali anabantwana namabali athetha ngeentsapho namava aqhelekileyo emihla ngemihla.
- 🐾 Iincwadi ezinezicengcelezo neencwadi ezineeflap ziyathandwa kakhulu ngabantwana abancinci.
- 🐾 Yiba namaxesha okudlala ngeencwadi amaninzi uze uzifunde kaninzi ezona ncwadi zithandwa ngumntwana wakho!

### What books do I choose?

- 🐾 Choose lots of different books in your child's home language(s), wherever possible.
- 🐾 Choose some stories that have other children in them as well as ones that are about family and familiar everyday experiences.
- 🐾 Rhyme and flap-books are very popular with toddlers.
- 🐾 Have lots of playful times with books and read books that are your child's favourites again and again!

### Into omele uyenze ngoxa ufunda incwadi

- 📖 Khululeka nje uhlale nomntwana wakho umsingathile, okanye abe secaleni kwakho, xa umfundela incwadi.
- 📖 Tsalela ingqalelo yomntwana wakho kwimifanekiso uze uthethe ngezinto, abantu ekuthethwa ngabo nokwenzekayo encwadini. Yalatha umntu okanye into uze uchaze ukuba yintoni okanye ngubani nokuba wenza ntoni.
- 📖 Yalatha amagama njengoko uwafunda. Loo nto inceda umntwana wakho azi ukuba yintoni kanye kanye amagama nokuba "avela phi" la magama uwathethayo.
- 📖 Sebenzisa izimbo zobuso nezomzimba ukuze ulenze liphile ibali.
- 📖 Buza imibuzo ngokwenzeka encwadini. Yiphendule ngokwakho okanye uvumele umntwana wakho ayiphendule, ukuba uyakwazi okanye ufuna ukuyiphendula.
- 📖 Yimamele kakuhle into ethethwa neyenziwa ngumntwana wakho uze uyiphendule. Le nto yenza ibe ngamava amnandi la kuwe nakuye kwaye inceda ekuphuhliseni isigama somntwana wakho.
- 📖 Fumana iindawo ebalini apho umntwana wakho engajoyina khona. Ngokomzekelo: ukuthetha izivakalisi eziphindwayo ebalini okanye ukwenza izandi ezenziwa ngabantu okanye zizinto ekuthethwa ngazo encwadini.



### What to do while reading the book

- 📖 Relax and sit comfortably with your child on your lap, or next to you, when you share books.
- 📖 Draw your child's attention to the pictures and talk about the concepts, characters and what is happening in the book. Point to someone or something and say what or who it is and what they are doing.
- 📖 Point to the words as you read them. This helps your child learn what words are and where the words you are saying "come from".
- 📖 Use facial expressions and gestures to make the story come alive.
- 📖 Ask questions about what is happening in the book. Answer them yourself or allow your child to answer, if he or she can and wants to.
- 📖 Listen carefully to what your child says or does and respond to it. This makes the experience more interesting for both of you and helps to develop your child's language.
- 📖 Find parts of the story where your child can join in. For example: saying sentences that are repeated in the story or making the sounds and noises of the characters or objects in the book.



Drive your imagination

## Indlela yokusebenzisa ibali elithi Intshontsho lekati elilahlekileyo

1. Bameme – ungaze ubanyanzele – abantwana bakho ukuba bafunde nawe.
2. Fumana indawo ethe cwaka nefanelekele ukufunda. Cima unomathotholo, umabonwakude, neselfowuni.
3. Hlalani nisondelelane okanye umsingathe umntwana wakho.
4. Qala ngokujonga uze uthethe ngekhava engaphambili yalo ncwadi. Funda umxholo webali negama lombhali nelomzobi wemizobo.
5. Jonga imifanekiso kwiphepha ngalinye. Khuthaza umntwana wakho ukuba awanukise, awaphathe okanye awachukumise amaphepha.
6. Lenze liphile ibali! Sebenzisa amazwi ahlukeneyo xa kuthetha uNeo, uBella, abazali bakaNeo, noGina.
7. Buza, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni ngoku?" kwiindawo ezahlukeneyo ebalini. Imibuzo enjalo inceda ekuvuseleleni amandla omntwana wakho okuthetheleleka.
8. Ncokolani ngeli bali. Thethani ngemibuzo enjengothi, "Uyawathanda amantshontsho ekati? Kutheni uNoodle eye walikhonkotha intshontsho lekati? Kutheni uBella eye wakhat hazeka xa uGina ezokuthatha intshontsho lekati?"
9. Xelela umntwana wakho into ayithandayo ngaloo mifanekiso. Mbuze umntwana wakho ukuba yena uthanda ntoni ngaloo mifanekiso.
10. Okona kubalulekileyo, konwabele ukufunda nabo incwadi, uze uzame kangangoko unako ukwenza ukufunda kube mmandi.




## How to use the story The lost kitten

1. Invite – never force – your child to read with you.
2. Find somewhere quiet and comfortable to read. Turn off the radio, TV, and cell phone.
3. Sit close together or with your child on your lap.
4. Start by looking at and talking about the book's front cover. Read the story's title and the names of the author and illustrator.
5. Look at the pictures on each page. Encourage your child to smell, hold or touch the pages.
6. Make the story come alive! Use different voices for Neo, Bella, Neo's parents, and Gina.
7. Ask, "What do you think is going to happen next?" at different parts of the story. Such questions will help to stimulate your child's imagination.
8. Talk to each other about the story. Discuss questions like, "Do you like kittens? Why did Noodle bark at the kitten? Why was Bella sad when Gina came to fetch the kitten?"
9. Tell your child what you like about the illustrations. Ask your child what they like about the illustrations.
10. Most of all, enjoy sharing the book, and always try your best to make reading fun!

## Imisebenzi ecetyiswayo yebali elithi Intshontsho lekati elilahlekileyo

**Ebudeni bayo yonke imini (kwanaxa usenza imisebenzi yasekhaya!), ningenza izinto ezimnandi nabantwana bakho:**

- 🐾 Culani ingoma ethetha ngezilwanyana nezandi ezizenzayo.
- 🐾 Jonga abantwana bakho uze uthi, "Molo! Igama lam nguGinger. Nyawu, nyawu, nyawu!" okanye "Molo! Igama lam nguNoodle. Hawu, hawu, hawu!". Quka nezinye izilwanyana nezandi ezizenzayo.
- 🐾 Khuthaza abantwana bakho bazame ukuzoba ikati,inja, okanye esinye isilwanyana.
- 🐾 Mema abantwana bakho ukuba babalise amabali athetha ngeekati, izinja, okanye nantoni na ebabangela umdla.



## Activity ideas for The lost kitten

**Throughout the day (even when you are doing chores!), you can do fun activities with your children:**

- 🐾 Sing a song about animals and the sounds that they make.
- 🐾 Look at your children and say, "Hello! My name is Ginger. Meow, meow, meow!" or "Hello! My name is Noodle. Woof, woof, woof!" Include other animals and the sounds they make.
- 🐾 Encourage your children to try drawing a cat, a dog, or another animal.
- 🐾 Invite your children to tell stories about cats, dogs, or anything else that interests them.



Drive your  
imagination

# Iintsuku ezibhiyozelwa ngoFebruwari!

## Days to celebrate in February!



**2 February/kuFebruwari**

### USuku lweHlabathi lweMigxobhozo

Yazisa abantu ngendlela ebaluleke ngayo imigxobhozo esempilweni ukuze kukhuselwe uluntu nenkqubo zezilwanyana nezityalo kwimiphumo yokutshintsha kwemozulu.

### World Wetlands Day

Create awareness about how important healthy wetlands are for protecting communities and ecosystems from the effects of climate change.



**11 February/kuFebruwari**

### USuku lwamabhinqa namantombazana akwisayensi

Iphulo lokuba amabhinqa namantombazana akwazi ukuthatha inxaxheba ngakumbi kwisayensi.

### Day of women and girls in science

Campaign for women and girls to be able to participate more in science.

**13 February/kuFebruwari**

### USuku lweHlabathi lukaNomathotholo

Bhiyozela ukubaluleka kosasazo lukanomathotholo olusasaza iindaba, umculo, amacebo, namava ehlabathini jikelele.

### World Radio Day

Celebrate the importance of radio broadcasts that share news, music, ideas, and experiences from around the world.



**14 February/kuFebruwari**

### USuku lweValentine

Xelela abantu ukuba ubathanda kangakanani!

### Valentines Day

Let others know how much you love them!



### USuku loBulungisa bezeNtlalo

Phakelana nathi ngezimvo nangamanyathelo endlela yokulwa ukuswela ingqesho, ukuhlwempuzeka nemithetho nezenzo ezibangela kube nzima kwabanye abantu ukuba yinxalenye yoluntu.

### World Social Justice Day

Share ideas and actions on how to fight against unemployment, poverty and laws and behaviour that make it difficult for others to be part of society.



### Yandisa ithala lakho leencwadi.

Zenzele iincwadana **EZIMBINI** onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



### Grow your own library. Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your imagination


Baqala bayu elayibrari, emva koko bayu evenkileni, baza xa besendleleni egodukayo omnye wabavumela ukuba baxhome ipowusta egejitiini yakhe. Bashiya ipowusta enye baza bayixhoma kwibhodi jhezaziso gesikolo ngoMvulo.



Emva kokuba benze ipowusta ezine, uTata wathi, "Nding' ukuba zanele ezi. Masihambeni sigokuzixhoma."

"Masiqaleni!" watsho uNeo.

NgoMgqibelo kusasa, uBella watika kwangethuba. "Ndize namaphapha neekhrayoni zokwenza ipowusta," watsho uBella njengoko egona elo ntshontsho lekati.



First they went to the library, then they went to the shop and on their way home the neighbour let them put a poster on her gate. They saved one poster and put it on the school's notice board on Monday.



"Let's get started!" said Neo. Once they had made four posters, Dad said, "I think that's enough. Let's go put them up."

On Saturday morning, Bella arrived very early. "I brought paper and crayons to make posters," said Bella as she hugged the kitten.

Neo, Bella and Noodle are enjoying themselves in Neo's front garden. Suddenly, Noodle jumps up and starts barking. Just then, a tiny kitten crawls out from under a bush. Bella immediately falls in love with the little kitten. But it looks like it belongs to someone else. What will Neo and Bella do?



UNeo, uBella noNoodle bonwabile kwigadi yakuloNeo. Ngequbuliso, uNoodle uyaxhuma aze aqalise ukukhokotha. Kanye ngelo xesha kuphuma intshontsho lekati elincinci etyholweni. UBella ngoko nangoko uyalithanda eli ntshontshwana. Kodwa libonakala ngathi linomninilo. Baza kwenza ntoni uNeo noBella?

**Get story active!**

- Draw a picture of your favourite part of the story.
- Why don't you try acting out this story or a part of it with a group of your friends and family? You can even have someone pretend to be Ginger and Noodle. Use actions, words, and voices to make it fun!
- Make a poster of your pet or a pet you would like to have. Draw a picture of your pet. Write or ask someone to help you write the size, colour, and name of your pet.

**Yenza ibali linike umdla!**

- Zoba umfanekiso weyona ndawo uyithandayo ebalini.
- Kutheni ungazami ukullinganisa eli bali okanye inxalenye yalo neqela labahlobo bakho okanye nentsapho yakho? Ungade ube nomntu olinganisa uGinger noNoodle. Sebenzisa izenzo, amagama namazwi ukuze ulenze libe mnandi!
- Yenza ipowusta yesilwanyana sakho sasekhaya okanye isilwanyana sasekhaya ongathanda ukuba naso. Zoba umfanekiso weso silwanyana sasekhaya. Bhala okanye ucele umntu akuncede ubhale ukuba singakanani, unjani umbala waso kwaye ngubani igama lesi silwanyana sakho sasekhaya.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

**The lost kitten**



**Intshontsho lekati elilahlekileyo**

Stacey Fru • Rico Schacherl

**Ideas to talk about:** Do you or does someone you know have a pet? How would you feel if the pet got lost? What could you do to try and find the lost pet? How would you feel if you found it again?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Ngaba wena okanye omnye umntu unesilwanyana sasekhaya? Ubuya kuziva njani ukuba eso silwanyana sasekhaya besingalahleka? Ubungenza ntoni ukuze uzame ukuphinda usifumane isilwanyana sasekhaya esilahlekileyo? Ubungaziva njani xa uphinda usifumana kwakhona?



Drive your imagination



Utata wasusa amhlo akhe kwincwadi  
 awayeyifundela uMbal! wabaJonnga. "Kufuneka  
 sikhangele abanini balo. Inoba banekhala lokuba  
 ililahlekile intshontsho labo lekatil!" watsho.  
 "Sekuhlwile ngoku asinakubakhangele," watsho  
 uMama. "Kodwa ngomso kusasa singenza ilipowusta  
 zentshontsho lekatil elilahlekileyo size sizixhome.  
 Mhlawumbi umninilo uza kuzibona ezo powusta."  
 Xa uMama wayekhapha uBella noNoodle ebagodusa,  
 uNeo wachola ibhokisi yezihlangu nejezi endala  
 awayeza kulondlalela kuzo intshontsho lekatil.  
 Utata walipha ukutya waza walinika isitya esikhulu  
 esinamanzi acoccekileyo. Kungekudala elo ntshontsho  
 lasitsho sangumpatsiya isisu laza lalala yoyi!



"Oh, hello," said Neo when he saw a girl he  
 had not met before standing at the door.  
 "Hello, my name is Gina," said the girl.  
 She looked worried. "I saw  
 your poster at the library.  
 I think the kitten  
 you found may be  
 mine. Her name  
 is Ginger and she  
 has a blue collar  
 around her neck."

On Tuesday afternoon, Neo, Bella, Noodle and the  
 kitten were playing in the lounge. *Knock, knock, knock.*  
*Knock!* There was someone at the door.  
 Neo ran to open the door.  
 "Who is it, Neo?" asked Bella.  
 Noodle barked excitedly.  
 All the noise gave the kitten such a fright that it ran  
 and hid under the couch.

On Friday afternoon, Neo and Bella were  
 playing in Neo's garden. Noodle was sleeping  
 peacefully in the sun.



Suddenly,  
 Noodle  
 jumped up  
 and started  
 barking. *Woof,  
 woof, woof!*  
 "What's wrong, Noodle?" Bella asked.

Bella's face lit up. "Thank you!" she said. "Neo and I would  
 love to visit tomorrow afternoon."  
 "But," said Neo, "I think Noodle should stay home." And  
 everyone agreed that this was probably a very good idea.



Ubuso bukaBella batyhileka. "Enkosi!" watsho. "SinoNeo  
 sibawela ukuza ngomso emva kwemini."  
 "Kodwa," watsho uNeo, "ndicinga ukuba uNoodle  
 yena umele ashayeke ekhaya." Ibe wonke umntu  
 wavumelana ukuba licebo elihle elo.



Xa befika kulolebo, uMakhulu uphuma  
esofeni.  
Ulebo ungena ebaleka kwigumbi  
lokuphuma. "Makhulu, Makhulu, ndiyayazi  
into esingayenza namhlanje! Singaya emall.  
Kukho iivenkile ezininzi ezinezinto zokudlala  
neice cream!"  
"Andizukwazi. La mall inkulu kakhulu, ibe  
ndiza kudinwa kakhulu."

When they arrive at Lebo's home, Gogo  
rests on the sofa.  
Lebo dashes into the lounge. "Gogo, Gogo,  
I know what we can do today! We can go to  
the mall. There are lots of shops with nice  
toys and ice cream!"  
"I'm afraid I can't. The mall is too big, and I  
will get so tired."

Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)



### Get story active!

- ★ Imagine that you are going to have a tea party for your family and friends. Make a list of the food you would make.
- ★ Write a message to invite your family and friends to your party. It can be an invitation card, a letter, an SMS or a WhatsApp message.
- ★ Now draw a picture of you and your family and friends at the tea party.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Khawube nombono wakho usiya kwitheko lokuphunga iti nentsapho yakho nabahlobo. Yenza uludwe lokutya obungakwenza.
- ★ Bhala umyalezo omemela intsapho yakho nabahlobo kwitheko lokuphunga iti. Ingaba likhadi lesimemo, ileta, iSMS okanye umyalezo kaWhatsApp.
- ★ Ngoku zoba umfanekiso wakho nentsapho yakho nabahlobo nikwitheko lokuphunga iti.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

## Lebo and Gogo's tea party



## Itheko lokuphunga iti likaLebo noMakhulu

Siphosethu Zantsi • Sashni Govender •  
Elizabeth Sparg

**Ideas to talk about:** Have you ever been to a tea party? What kind of food do you think should be at a party? How is a tea party different from other kinds of parties?


**Izinto eninokuthetha ngazo:** Wakha waya kwitheko lokuphunga iti? Hlobo luni lokutya ocinga ukuba lufanele lubekho ethekweni? Itheko leti lahluka njani kwezinye iintlobo zamatheko?



Drive your  
imagination



“Gogo, Gogo, I know what we can do today! We can go to the park!”  
 “I’m afraid that won’t work. The dogs in the park will run around and could make me fall again.”  
 “Makhulu, Makhulu, ndiyayazi into esingayenza namhlanje! Singaya epakini!”  
 “Ayizulunga loo nto. Izinja ezisepakini ziza kuphithizela yonke indawo ibe zingandiwisa kwakhona.”




ULebo uthe cwaka ngoxa umakhulu ethunga.

Ngeqbulisa uza necebo! “Makhulu, Makhulu, ndiyayazi into esinokuyenza namhlanje! Masibe netheko lokuphunga iti. Makhulu, ungahlala apha wena. Mna ndiza kuza nayo yonke into kuba wena wonzakele.”



“Gogo, you must come. We will have so much fun!” Lebo says, excitedly. During the drive, Lebo bounces on her seat. She thinks of all the wild adventures she and Gogo will have in the city.  
 “Makhulu, yiza. Kuza kuba mmandi kakhulu!” utsho uLebo, enemincili.  
 Njengoko behamba ngenoto, uLebo uyaxhumaxhuma esitwini sakhe. Ucinga ngaye wonke uphantsi phezu aza kumenza noMakhulu esixekweni.



Lebo is at Gogo’s farm. She is bored with chasing the animals.

“Now you chase me, Gogo!” Lebo shouts as she races past.

“Slow down, Lebo,” Gogo says, hurrying to catch up.

Gogo trips over a rock while chasing Lebo.

“Ouch!” she screams. Gogo has hurt her ankle.

ULebo ukwifama kaMakhulu. Ukruqukile kukuleqana nezilwanyana.



“Leqa mna ngoku, Makhulu!” ukhwaza atsho uLebo njengoko egqitha ebaleka.

“Sukubaleka kakhulu, Lebo,” utsho uMakhulu, ekhawuleza ukuze amfumane.


UMakhulu ukhubeka elityeni esaleqa uLebo.

“Shu!” ukhwaza atsho. UMakhulu uyonzakala eqatheni lakhe.





Lebo is quiet while Gogo knits.  
 Suddenly she has an idea! "Gogo,  
 Gogo, I know what we can do today!  
 Let's have a tea party. Gogo, you can  
 sit here. I will bring everything to you  
 because you are hurt."





UMakhulu ubuya kwagqirha  
efakwe ibhuti ekhethekileyo ehamba  
nangentonga.  
“Makhulu, buyela nathi esixekweni  
ukuze sikwazi ukukhoya,” utsho umama  
kaLebo.  
“Soze ndishiye ifama yam. Ndiza kukwazi  
ukuhlala noba ndindedwa,” uphendula atsho  
uMakhulu, engafuni nokuva.





Gogo comes back from the doctor with a special boot and crutches.

“Gogo, come back to the city with us so that we can take care of you,” says Lebo’s mom.

“I won’t leave my farm. I will manage on my own,” Gogo replies, stubbornly.

A second later, Lebo’s eyes are wide  
with excitement. “Gogo, Gogo, I know  
what else we can do today. Let’s go to  
the beach.”  
“I’m sorry, Lebo. I’m afraid my  
crutches will sink into the soft sand.”  
Emva komzuzwana, amehlo kaLebo  
athi qhakra yimincili. “Makhulu,  
Makhulu, ndiyayazi into esingayenza  
namhlanje. Masiye elwandle.”  
“Uxolo, Lebo. Ndiyika ukuba iintonga  
zam zitshone esantini.”





Ngolwesibini emva kwemini, uNeo, uBella, uNoodle nentshontsho lekati babedlala kwigumbi lokuphuma. *Nkqo, nkqo, nkqo!* kwakukho umntu emnyango. UNeo wabaleka wayokuvula ucango. “Ngubani, Neo?” wabuza uBella. UNoodle wakhonkotha evuya. Yonke loo ngxolo yaloyikisa intshontsho lekati laza labaleka laya kuzifihla emva kwesofa. “Oh, molo,” watsho uNeo xa ebona intombazana awayeqala ukuyibona imi emnyango. “Molo, igama lam nguGina,” yatsho le ntombazana. Yayibonakala inekhala. “Ndibone ipowusta yenu elayibrari. Ndicinga ukuba intshontsho lekati enilicholeyo kungenzeka lelam. Igama lalo nguGinger ibe linekhola eblowu entanjeni yalo.”



Dad looked up from the book he was reading to Mballi. “We should try to find the owners. They are probably very worried about their lost kitten,” he said. “It’s too late to find them tonight,” said Mom. “But tomorrow morning we can make posters about the lost kitten and put them up. Maybe the owner will see the posters.” While Mom walked Bella and Noodle home, Neo found a shoebox and an old jersey to make a cosy bed for the kitten. Dad fed it and gave it a big bowl of clean water. Soon the kitten had a full belly and was fast asleep.

NgoLwesihlanu emva kwemini, uNeo noBella babedlala egadini yakuloNeo. UNoodle wayezithele tywa egcakamele ilanga.

“Ginger! I missed you,” said Gina hugging her kitten. She was very happy too. “Thank you for taking such good care of her, Bella and Neo.”

“I’m happy that you found your kitten,” said Bella. “But I’m a bit sad that we won’t see Ginger again.”

Neo put his arm around Bella’s shoulder. He could see that she was about to cry.

“Oh, don’t worry!” said Gina. “We live close by. You are welcome to visit Ginger whenever you like.”

“Ginger! Andisakukhumbule,” watsho uGina egona intshontsho lekati lakhe. Naye wayevuya kakhulu. “Enkosi ngokundihoyela yena kangaka, Bella noNeo.”

“Ndiyavuya ulifumene intshontsho lekati lakho,” watsho uBella. “Kodwa ndikhathazekile kancinci kuba singenakuphinda simbone uGinger kwakhona.”

UNeo wajikelisa ingalo yakhe kwigxalaba likaBella. Wayebona ukuba ufuna ukulila.

“Owu, ungabi naxhala!” watsho uGina. “Sihlala kufutshane apha. Ungeza uzokumbona uGinger nanini na ufuna.”



Ngequbuliso uNoodle waxhuma waza waqalisa ukukhonkotha. *Hawu, hawu, hawu!*

“Yinton’ ingxaki, Noodle?” wabuza uBella.

“Mama noTata jongani! Sifumene intshontsho lekati egadini!” wakhwaza uNeo njengoko babebaleka bengena kwigumbi lokuphumba.  
“Sicinga ukuba lilahlekile, kodwa limele ukuba linomntu walo kubda linekhola eblowu entanyeni!”



“Mom, Dad, look! We found a kitten in the garden!” shouted Neo as they ran into the lounge.  
“We think it’s lost, but it must belong to someone because it has a blue collar around its neck,” said Bella.

Then they heard another sound coming from the bushes. *Meow, meow, meow!* A tiny ginger kitten crawled out from under a bush. Bella rushed over and picked it up very carefully. “Look at its cute furry face,” she said, showing Neo.

“And it has a pretty blue collar around its neck,” said Neo.

Noodle wanted to see too, but his barking scared the kitten, so Neo and Bella took it inside.

Emva koko beva esinye isandi esivela ematyhholweni.

*Nyawu, nyawu, nyawu!*


Kwaphuma intshontsho lekati elincinci elimbala ujinja etyhholweni. UBella wabaleka waya kulo walifunqula ngobunono. “Khawujonge ubuso balo obufukufuku buyathandeka,” watsho ebonisa uNeo.

“Linekhola entle eblowu entanyeni yalo,” watsho uNeo.

NoNoodle wayefuna ukubona, kodwa ukukhonkotha kwakhe kwakuloyikisa elo ntshontsho lekati, ngoko uNeo noBella bangena nalo endlwini.



Kwathi khokro entliziyweni kuBella. Wayefuna nyhani ukuligcina eli ntshontsho lekati, kodwa wayesazi ukuba noGina umele ukuba wayenekhala kakhulu ngentshontsho lekati lakhe. “Ngena,” watsho UBella.  
Kodwa bathi bakungena kwigumbi lokuphumba, labe lona intshontsho seliphela emehlweni. “Hayini!” watsho UBella. “Ndiyathemba diliphindanga lalahleka kwakhona eli ntshontsho lekati!”



Bella’s heart skipped a beat. She really wanted to keep the kitten, but she knew that Gina must have been very worried about her kitten. “Come in,” said Bella.  
But when they walked into the lounge, the kitten was nowhere to be seen. “Oh no!” said Bella. “I hope the kitten isn’t lost again!”

Neo, Bella and Gina looked all over the lounge, but they couldn’t find the kitten anywhere. Gina looked very sad.

Then they heard Noodle in the kitchen. *Woof, woof!* This was followed by a loud *CRASH!*

The children hurried to the kitchen. There sat the kitten. It had knocked over its water bowl when Noodle barked and was now very wet. Bella scooped it up and quickly dried it. Then she handed the kitten to Gina.

*Purr, purr, purr.*

The kitten was very happy!



UNeo, uBella noGina bakhangela yonke indawo kwigumbi lokuphumba, kodwa abalifumana ndawo eli ntshontsho lekati. UGina wabonakala edanile.

Emva koko beva uNoodle esekhithshini. *Hawu, hawu!* Emva koko kwalandela isandi esithi *KHELEKENQE!*

Aba bantwana bakhawuleza baya ekhithshini. Nalo lihleli apho intshontsho lekati. Laliye lagila isitya samanzi xa uNoodle elikhonkotha ibe ngoku lalimanzi tixi. UBella walifunqula waza walosula msinya. Emva koko wanika uGina elo ntshontsho lekati. *Brr, brr, brr.* Intshontsho lekati lavuya nyhani!

# Iindaba

# zakwaNal'ibali



# Nal'ibali News



## UKUBHIYOZELA IZINTO EZIBALULEKILEYO (CELEBRATING MILESTONES)

Iprojekthi Yokubhala YeLebalelo yasungulwa ngoMeyi 2023. Ebudeni bewekshopu eqhutywe nabazali, siye sajonga iindlela zokudala amathuba emfundo nokufunda abantwana amnandi nabenza babandakanyeke. Sigqibe ekubeni sibe nomnyhadala wabantwana ngoSeptemba 2023, ekubeni eyiNyanga Yokufunda Nokubhala neyaMafa. Umnyhadala wethu ubuza kuquka imidlalo ebandakanya abantu, iiseshini zokubaliselana amabali, imidaniso nezinye izinto eziza kuza novuyo nokuhleka kubantwana abezileyo.

Ebudeni balo mnyhadala, oqhutywe kwiSikolo Samabanga Aphantsi SaseKwata kwilali yaseGa-Phala, siye sajolisa ekukhuthazeni ukwazi ngenkcubeko nokwahluka kwabantu. Bekukho abafundi abali-160 abavela kwizikolo ezili-12 neelali ezisithoba. Abantu abadala abangamashumi amane anesithoba, abaquka ootitshala, amalungu eGunya Lasebukhosini LaseGa-Phala, uMbutho Wabasebenzisi Bamanzi WaseLebalelo, nabaGcini Beelayibrari Zikamasipala WaseFetakgomo nabo bajoyina ukuze kuboniswe iinkcubeko nezithethe ezahlukeneyo ukuze abantwana bafunde kwaye baxabise ubuncwane beenkcubeko zaseMzantsi Afrika. Besebenzisa izinto ebezisenziwa ezinjengokucula nokudanisa, aba bantwana baye bavakalisa kwaye baphuhlisa ubuchule babo kubugcisa nakuthelekelelo.

The Lebalelo Writing Project was launched in May 2023. During a workshop with parents, we looked at how we could create more educational and learning opportunities for children that were fun and engaging. We decided that we would have a children's festival in September 2023, as it is both Literacy and Heritage Month. Our festival would include interactive games, storytelling sessions, dance and other activities that would bring joy and laughter to the young attendees.

During the festival, which was held at Kwata Primary School in Ga Phala village, we focused on promoting cultural awareness and diversity. In attendance were 160 students from 12 schools in 9 villages. Forty-nine adults, including teachers, members of the Ga Phala Traditional Authority, the Lebalelo Water User Association, and the Fetakgomo Municipality Librarians also joined us to showcase different cultures and traditions so that the children could learn about and appreciate South Africa's cultural richness. Through activities like music and dance performances, the children expressed and developed their artistic and imaginative abilities.



Esinye seziphumo zamalungiselelo ethu omnyhadala ibikukuphuhlisa kwencwadi ebhalelwe abantwana ngabantwana nabazali babo. Simeme iziko zasekuhlaleni ebeziza kuqeqeshelwa ukubhala amabali nokuzoba ngabaqambi bamabali bakaNal'ibali noRealance Mashigo, umbhali.

NgoJulayi 2023, amabali abhalwe ngabantwana besikolo nabazali babo kunye neminye imizobo yabantwana zathunyelwa ukuze zipapashwe njengencwadi enomxholo othi **"Ke Leeto story collection"**, ekhutshwe ngowama-30 kuSeptemba 2023 ebudeni boMnyhadala Wabantwana WeLebalelo.



One of the outcomes of our festival preparations was the development of a book written for children by children and their parents. We invited local schools to select children who would be trained in story writing and drawing by our Nal'ibali story sparkers and Realance Mashigo, an author.

In July 2023, the stories written by the school children and their parents as well as some children's drawings were submitted for publishing as a book titled **"Ke Leeto story collection"**, which was launched on 30 September 2023 during the Lebalelo Children's Festival.



Iminyhadala inokudala imeko ekhuselekileyo neyentlalo yokuba abantwana baqhubane noontanga babo abavela kwezinye izikolo, bazenzele abahlobo abatsha kwaye baphuhlise ubuchule bentlalo.



Iminyhadala yabantwana ingadibanisa uluntu ngokubandakanya amashishini, izikolo, nemibutho yasekuhlaleni. Le nto inceda abantu bazive beyinxalenye yoluntu kwaye babe nelunda.

Children's festivals can bring communities together by involving local businesses, schools, and organisations. This helps build a sense of community and pride.



Festivals can provide a safe and social environment for children to interact with their peers from different schools, make new friends and develop social skills.



Abantwana bakhathswa ngootitshala babo.

The children are accompanied by their teachers.



# Eyona nto ithandwa nguMnu Matsane



Ibali libhalwe nguSiphiliselwe Makhanya Imizobo izotywe nguMagriet Brink noLeo Daly

UDuma wayedumbe intloko yibhola ekhatywayo. Xa engadlali ibhola ekhatywayo okanye engayibukelanga kumabonwakude, wayesika imifanekiso yabo bonke abadlali kwiimagazini ezindala zikayise aze ayincamathelise ngenita kwebhedi yakhe. Ngeentsuku ekuna imvula ngazo, uDuma nomhlobo wakhe uSimphiwe babesenza abadlali abancinci bebhola ekhatywayo ngephepha baze badlale imidlalo yebhola ekhatywayo emininzi ngabo.

Mnye qha umntu owayethandwa nguDuma ngaphezu kwebhola, nguyise uMnu Matsane. UMnu Matsane wayeyithanda kakhulu ibhola kangokuba wathiya umntwana wakhe ngegama lomdlali amthanda kakhulu – uDuma “Lightning” Nyawo. Nanini na uMnu Matsane ebona uLightning edlala kumabonwakude, wayephakama eme ngeenyawo. Njengoko lo mdlali ophambili webhola ekhatywayo wayedribula ngebhola esiya ngasezipalini, wayedla ngokukhwaza athi, “BABEEEEETHE! NGEZULU!” Emva koko wayelinda, egobele ngokumabonwakude ngokungathi uLightning umvile kweso skrini seglasi.

Xa uLightning ephose inqaku, uMnu Matsane wayethwala izandla entloko anawine, kanye ngendlela abenza ngayo bonke abalandeli bebhola ekhatywayo kumabonwakude. Kodwa xa uLightning ekorile, uDuma noyise babekhwaza bevuya baze babambane. Babexhumaxhuma baze benze umdaniswana, bagqibele ngokwenza iweyivu ekhethekileyo. Emva koko bathi zava esofeni, behleka.



Kwigumbi labo lokuhlala, ekhabathini eneminyango yeglasi, uyise kaDuma weyegcine eyona nto wayeyithanda ehlabathini lonke – ibhola eyayisayinwe nguLightning ngokwakhe. “Ngumkhaya wam lo!” Uyise kaDuma wayethanda ukutsho kubahlobo bakhe xa ebabonisa le bhola. “Apho akhulele khona kungaphaya kwenduli ukusuka apho intsapho yasekhaya yayihlala khona. Jonga ngoku ngumdlali ophambili!”

NoSimphiwe wayedumbe intloko yibhola ekhatywayo njengoDuma noyise. Ngenye imini, aba bahlobo babini babedlala ibhola ngasemva kuloSimphiwe. Iyadi yayiphela kufutshane nomlambo.

“Ngubani istryikha esibhetele – nguMaake okanye nguZondi?” wabuza uDuma.

“Utata uthi nguMaake esona strayikha sizogqitha zonke,” watsho uSimphiwe. “Ukwazi ukukhaba ngelasekhohlo okanye ngelasekunene. UZondi usoloko ekhaba ngonyawo olunye.”

“Kodwa uZondi ukwazi ukukhaba ekude,” watsho uDuma.

“Kunjani xa uzenza uZondi ndize mna ndizenze uMaake, size sikhuphisane?” wacebisa uSimphiwe.

“Kulungile!” wavuma uDuma.

La makhwenkwe ayesebenzisa ibhola eyenziwe ngodaka, amaphephandaba neplastiki ezininzi. USimphiwe wazama ukusebenzisa unyawo lwakhe lwasekhohlo ukuze akhabe ibhola ingene phakathi kwamatyhe ababewasebenzisa njengeepali.

“Inzima le nto,” watsho. “Le bhola ayiyenzi le nto ndifuna iyenze! Kutheni kunzima nje?”


“Ndinga ukuba ingxaki isebholeni,” watsho uDuma. “Utata uthi umoya ongaphakathi ebholeni unokwenza umdlalo ube mhle okanye ube mbi.”

“Kodwa asinayo ibhola empontshwe umoya,” watsho uSimphiwe. “Mhlawumbi kuza kufuneka silinde de sibe nebhola efanelekileyo ukuze senze olu khuphiswano.”

UDuma wayengafuni kulinda. Wafinga iintshiya waza wacinga kangangexeshana. Ngesiqophe, wancuma waza wabonakala enemincali. “Ndiyayazi indawo esingayifumana kuyo ibhola!” watsho. “Ndilinde apha, ndiza kukhawuleza.”

Kungekudala uDuma wabuya, ephethe eyona nto ithandwa nguyise – ibhola ekhatywayo eyayisayinwe nguLightning. Ngoku umdlalo wabangela imincali. UDuma wazenza uZondi, edribula bonke abanye abadlali. Heke! UZondi walibona ithuba lokukora. UDuma wakhaba ibhola kakhulu kangoko anako. Yaya ngasezipalini yabetha kwelinye lalo matye. Emva koko yanting, ispinela ngasemlanjeni okumazantsi eyadi.

“YHOOO!” wancwina uDuma njengoko wayebukele le bhola. Wayesoyika kakhulu kangokuba wayengakwazi nokushukuma. USimphiwe wayileqa le bhola, kodwa yayibaleka kakhulu. *GXUMPU!* Ibhola yatshona emlanjeni. UDuma wabaleka esiya kumhlobo wakhe. Bobabini bayibukela le bhola isiya isiba ncinci njengoko amanzi aqukuqelayo ayesimka nayo.



Xa la makhwenkwe engazange agoduke ngalo mvakwemini, abazali bawo baqalisa ukuba nexhala. Bonke abamelwane bancedisa ekukhangeleni uDuma noSimphiwe kangangeeyure ezininzi, kodwa la makhwenkwe ayengabonakali ndawo.

Ekugqibeleni, xa kutshona ilanga, uMnu Matsane wabiza amapolisa. Eza nenja enkulu egama linguJopie ukuze iwancede ekufumaneni uDuma noSimphiwe. *JOJA, JOJA, JOJA*, waqhubeka uJopie, ejoja iimpahla zala makhwenkwe, *JOJA, JOJA, JOJA*. Uthe akuliva ivumba lawo, wajwuzisa umsila wakhe omkhulu waza wabaleka wemka, ibe bonke abantu abadala baleqeka emva kwakhe. Babaleka bada baya kufika ngaphantsi kwebholarho ekumazantsi omlambo. Nanko uDuma noSimphiwe behleli. Babebambene, bengangazela, izikpa zabo bezitsale zagquma amadolo ukuze bazigcine befudumele. Ukukhanya okuvela kwiitotshi zamapolisa kwakhanyisa ubuso babo obabuneenyembezi.

“Uxolo, Tata,” watsho uDuma xa befika ekhaya bekhuselekile. “Bendingenanjongo yakulahla eyona nto uyithandayo, eyona nto ibalulekileyo kuwe. Besiza kuyibuyisela.” Waqalisa ukulila kwakhona waya ekhala ngamandla.

UMnu Matsane wamphulula emqolo uDuma waza wancuma. “Uthetha ngantoni?” wabuza. “Laa bhola indala ibintle yona, kodwa ibingeyiyo eyona nto ibalulekileyo ebomini bam.” Emva koko uMnu Matsane wagobela phambili waza wamanga kakhulu uDuma. “Duma, *nguwe* eyona nto ibalulekileyo ebomini bam!” watsho. Ibe le nto yenza uDuma wafuna ukwenza umdaniswana.

## Yenza ibali linike umdla!

-  Ukho owona mdlalo owuthandayo wena? Unaye oyena mdlali umthandayo waloo mdlalo?
-  Unayo eyona nto uyithandayo? Yintoni eyenza ikhetheke?

-  Zoba umfanekiso wezona zinto uzithandayo. Ingaba zezona mpahla, okona kutya, esona silwanyana okanye oyena mntu umthandayo.



Drive your  
imagination



# Mr Matsane's favourite thing



By Siphiliselwe Makhanya ■ Illustrations by Magriet Brink and Leo Daly

Duma was crazy about soccer. When he wasn't playing soccer or watching it on TV, he cut out pictures of all the players from his dad's old soccer magazines and stuck them above his bed. On rainy days, Duma and his friend Simphiwe made tiny soccer players out of paper and played many soccer games with them.

The only person who loved soccer more than Duma was his dad, Mr Matsane. Mr Matsane loved soccer so much that he gave his son the same name as his favourite player – Duma "Lightning" Nyawo. Whenever Mr Matsane saw Lightning playing on TV, he stood up. As the soccer star dribbled the ball towards the goal posts, he always shouted, "BASHAAAAAYE! NGEZULU! Strike them with lightning!" Then he waited, leaning towards the TV as though Lightning had heard him through the glass screen.

If Lightning missed the goal posts, Mr Matsane held his head and groaned, just like all the soccer fans on the TV did. But when Lightning scored, Duma and his dad cheered and grabbed each other. They jumped up and did a little dance, ending with a special wave. Then they flopped back onto the sofa, laughing.



In their lounge, in a cupboard with glass doors, Duma's dad kept his favourite thing in the whole world – a soccer ball signed by Lightning himself. "That's my homeboy!" Duma's dad liked to tell his friends when he showed them the ball. "He grew up just over the hill from where my family lived. Look what a star he is now!"

Simphiwe was just as soccer mad as Duma and his dad. One day, the two friends were playing soccer in the backyard of Simphiwe's house. The yard ended near the river.

"Who is a better striker – Maake or Zondi?" asked Duma.

"My father says Maake is the best striker," said Simphiwe. "He can kick with the left foot or the right foot. Zondi always kicks with the same foot."

"But Zondi can kick from very far away," said Duma.

"How about you pretend that you're Zondi and I'll pretend that I'm Maake, and we can have a contest?" suggested Simphiwe.

"Okay!" agreed Duma.

The boys were using a soccer ball made of mud, newspaper and lots of plastic shopping packets. Simphiwe tried using his left foot to kick the ball between the rocks they used as goal posts. "This is hard," he said. "This ball won't do what I want it to do! Why is it so difficult?"

"I think it's the ball," said Duma. "My dad says the air in the ball can make the game good or bad."


"But we don't have a ball with air inside it," said Simphiwe. "Maybe we have to wait until we get a proper ball to have this contest."

Duma didn't want to wait. He frowned and thought for a little while. Suddenly, he smiled and looked excited. "I know where we can get a ball!" he said. "Wait here, I won't be long."

Soon Duma came back, carrying his dad's favourite thing – the soccer ball that Lightning had signed. Now the game was very exciting. Duma pretended he was Zondi, dribbling the ball past all the other players. Yes! Zondi could see his chance to score. Duma kicked the ball as hard as he could. It shot towards the goal posts and bounced off one of the rocks. Then it flew away, spinning straight towards the river at the bottom of the yard.

"OH NO!" groaned Duma as he watched the ball. He was so scared that he couldn't move. Simphiwe rushed after the ball, but it rolled too fast. *SPLASH!* The ball landed in the river. Duma ran to his friend. Together they watched the ball growing smaller and smaller as the rushing water carried it further and further away.

When the boys didn't come home that afternoon, their parents started to worry. All the neighbours helped search for Duma and Simphiwe for hours and hours, but the boys were nowhere to be found.



At last, as the sun was setting, Mr Matsane called the police. They brought a big dog named Jopie to help them find Duma and Simphiwe. *SNIFF, SNIFF, SNIFF,* went Jopie, smelling the boys' clothes, *SNIFF, SNIFF, SNIFF.* As soon as she caught the boys' scent, she wagged her big tail and raced off, and all the adults ran along behind her. The chase led them to a place under the bridge further down the river. There sat Duma and Simphiwe. They were huddled together, shivering, with their T-shirts pulled over their knees to keep warm. The light from the policemen's torches shone on their tear-streaked faces.

"I'm sorry, Dad," said Duma once they were safely home. "I didn't mean to lose your favourite, most important thing. We were going to put it back." He started to cry all over again and he cried harder and harder.

Mr Matsane rubbed Duma's back and smiled. "What are you talking about?" he asked. "That old soccer ball was nice, but it was never the *most* important thing in my life." Then Mr Matsane leaned down and gave Duma a big hug. "Duma, *you* are the most important thing in my life!" he said. And this made Duma want to do a little dance.

## Get story active!

- 🐾 Do you have a favourite sport? Do you have a favourite player in that sport?
- 🐾 Do you have a favourite thing? What makes it special?

- 🐾 Draw pictures of your favourite things. It can be your favourite clothes, food, animal or person.

# Okokuzonwabisa kwakwaNa'ibali

## Na'ibali fun



1.

### Yenza ibheji

1. Sika ukhuphe ibheji ulandela umgca ongamachaphaza **abomvu**.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika isangqa esilingana nebheji ngobukhulu kwikhadibhodi ephephece, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa ibheji ekhadibhodini.
5. Sebenzisa into yokuncamathelisa eqinileyo ukuze uncamathelise umva wesipelitana ngasemva kwibheji yakho. Okanye ugqobhoze umngxunyana emanla ebheji ze ufake iwulu okanye umtya ukuze ukwazi ukuyijingisa entanyeni yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho xa ufunda okanye umamele amabali ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

### Make a badge

1. Cut along the **red** dotted line to cut out the badge.
2. Colour in the picture.
3. Cut a circle the same size as the badge from some thin cardboard, for example, a cereal box.
4. Use glue to paste the badge onto the cardboard.
5. Use sticky tape or masking tape to attach a safety pin to the back of the badge. Or make a hole at the top and thread some wool or string through it so that you can hang it around your neck.
6. Enjoy wearing your badge as you read and listen to stories on World Read Aloud Day.



2.

Balandelelanise kakuhle oonobumba bamagama amahlanu afumaneka kwibali elithi *Intshontsho lekati elilahlekileyo* achaza eli ntshontsho lekati

AINUJJ

LAHOLEELKIYILE

(INILENIC

VANATKDYBHEA

FUBOUKUKUUF

Unscramble the letters to find five words from *The lost kitten* that describe the kitten.

NGIREG

TSOL

YTNI

ECTU

RYUFR



3.

Khawujonge le mifanekiso ekwibali elithi *Intshontsho lekati elilahlekileyo*. Yifakele amanani ngohlobo lokuba ilandelelane ngokwezinto ezenzeke ebalini. Ngoku sebenzisa imifanekiso uze uphinde ulibalise eli bali.

Look at these pictures from *The lost kitten*. Number them so that they match the order in which things happened in the story. Now use the pictures and retell the story.



Impendulo: 2. Ujinja, elilahlekileyo, elincinci, buyathandeka, obufukufuku; 3. 2, 1, 4, 3.  
Answers: 2. ginger, lost, tiny, cute, furry; 3. 2, 1, 4, 3.

AbakwaNa'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Qhagamshelana nathi** nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Na'ibali is here to motivate and support you. **Contact us** in any of these ways:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.tiktok.com/@nalibaliSA)

Produced by The Na'ibali Trust. Translation by Mosekela Solutions. Na'ibali character illustrations by Rico.

UMLAZI  
EYETHU

POLOKWANE  
OBSERVER



Drive your  
imagination

